**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesithathu)**

# Possible Answers Supp 2007

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

**ISINCOKO**
**Indlela yokuphononongwa kwesincoko**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Intshayelelo | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Ukwakhiwa kwezivakalisi ngokunxibelelana | **[3]** | 3 | 3 | 1 |
| 3 | Upelo-magama – isigama - Iziphumlisi | **[4]** | 4 | 2 – 3 | 1 |
| 4 | Ukunambitheka komxholo – ofikeleleyo kwisihloko | **[10]** | 8 – 10 | 5 – 6 | 1 – 4 |
| 5 | Umongo | **[8]** | 6 – 8 | 4 – 5 | 1 – 3 |
| 6 | Ulwimi olungenaziphene - lutyebile | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| 7 | Isiphelo | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[40]** | **[40]** | **[26]** | **[12]** |

**40**

ICANDELO B

**UMBUZO 2.1**

**INDLELA YOKUPHONONONGA INCWADI YOBUHLOBO:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[9]** | | | |
| | 1.1 idilesi | **[4]** | 4 | 3 | 1 |
| | 1.2 isiphelo | **[2]** | 2 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.3 isibuliso | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Umongo | **[6]** | 5 – 6 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Ulwimi | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

## UMBUZO 2.2

**INDLELA YOKUPHONONONGA INCWADI YOBURHULUMENTE / YOSHISHINO:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[10]** | | | |
| | 1.1 idilesi | **[2]** | 2 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.2 isiphelo | **[2]** | 2 | 2 – 3 | 1 |
| | 1.3 isibuliso | **[2]** | | | |
| 2 | Umongo | **[6]** | 5 – 6 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Ulwimi | **[4]** | 4 – 5 | 3 | 1 |
| 4 | Isiphelo | **[4]** | 4 – 5 | 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[6]** |

**20**

**UMBUZO 3.1**

**UKUPHONONONGWA KWESIGXEKO SINCOMO (IRIVYU)**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[6]** | 6 | 5 | 1 |
| 2 | Iinkcukhacha ezifuna ingqwalaselo – ukuncamatheka kwenjongo neyona nto irivyuwayo | **[8]** | 8 | 7 | 3 |
| 3 | Amanqanaba alanolelwayo – ulwimi, inkcazelo izinto ezinomdla nezityhafisayo | [6] | 6 | 4 | 2 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[10]** | **[6]** |

**20**

**UMBUZO 3.2**

**INDLELA YOKUPHONONONGA IMIZUZU YENTLANGANISI:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Ixesha<br>Indawo<br>Umhla | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Ulwamkelo nokuvulwa kwentlanganiso | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 0 |
| 3 | Isizekabani sentlanganiso | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 1 |
| 4 | Uxambuliswano – izimvo ngezimvo | **[5]** | 4 – 5 | 2 – 3 | 1 |
| 5 | Ukulandelwa kwamanqanaba | **[3]** | 3 | 2 | 0 |
| 6 | Ukuvalwa | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[6]** | **[4]** |

**20**

**UMBUZO 3.3**

**INDLELA YOKUPHONONONGA UBOMI NGOMFI:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Igama nendawo awazalelwa kuyo | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 1 |
| 2 | Iindawo afunde naxelenge kuzo | **[3]** | 3 | 2 – 3 | 0 |
| 3 | Izihlobo nezalamani | **[4]** | 4 | 2 – 3 | 1 |
| 4 | Umhla wokubhubha nokungcwatywa komfi | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| 5 | Ixesha lokuqala kwenkonzo nokuphuma kwayo | **[3]** | 3 | 2 | 0 |
| 6 | Ukulandelana kwamanqaku nolwimi | **[4]** | 4 | 2 – 3 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[20]** | **[20]** | **[16]** | **[4]** |

**20**

## UMBUZO 4.1

**INDLELA YOKUPHONONONGA ISIVI:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Amagama nefani; umhla wokuzalwa; incwadi yokuzazisa, ubuni nedilesi | **[3]** | 2 – 3 | 1 – 2 | 1 |
| 2 | Iinkcukacha ngezemfundo | **[3]** | 2 – 3 | 1 – 2 | 1 |
| 3 | Inxaxheba malunga nomsebenzi | **[2]** | 2 | 2 | 1 |
| 4 | Ukulandelaniswa kwamanqaku | **[2]** | 2 | 2 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**15**

## UMBUZO 4.2

**INDLELA YOKUPHONONONGA KWESIBHENGEZO:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| 2 | Ulwini olungenaziphene – izincomo ezitsala abathengi | **[2]** | 2 | 1 – 2 | 1 |
| 3 | Umongo oncamathele ngqo kwisihloko – ubude obufunekayo. Ingcaciso nge-mpahla leyo, ixesha nendawo yefandesi leyo | **[5]** | 5 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**10**

**UMBUZO 4.3**

**UKUPHONONONGWA KWE-EMEYILE:**

| | **Isikhokelo Sokufezekisiweyo** | | **Umsebenzi osemagqabini** | **Ophume izandla** | **Okwinqanaba eliphantsi** |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Isakhiwo | **[3]** | 3 | 2 | 1 |
| 2 | Umyalezo mawucace – Ulwimi olungabhidisiyo | **[5]** | 5 | 3 – 4 | 1 – 2 |
| 3 | Uya kubani umyalezo – uvela kubani | **[2]** | 2 | 1 – 2 | 1 |
| | Amanqaku ewonke | **[10]** | **[10]** | **[8]** | **[4]** |

**10**
**[50]**

ICANDELO C

**UMBUZO 5**

***Sasinoncwadi Kwatanci* – S.C Satyo Nabanye**

5.1.1 - Izijekulo.
- Umzimba wakhe namalungu awo.
- Ilizwi lakhe aliguquguqule.
- Ukuthula ngamaxesha athile xa eththa.
- Avange ukucula nokuthetha. (5)

5.1.2 Intsomi yimbalana yobuxoki ekunokuqhotyoshelwa kuyo izithethe zesizwe eso okanye zesishiqi zasendalweni ukusombulwa izinto zentlalo yoluntu. (3)

5.1.3

***Imvelaphi yezimba***

Kwahlala kwahlala kwangantsomi, kwabakho indoda eyayihlala nabafazi bayo ababini, umfazi omkhulu nomfazi omncinane. Le ndoda yayibathanda bobabini aba bafazi bayo, kodwa yayithe kratya ukumthanda lo mncinane. Ngelishwa lo mfazi mncinci wahlala ixesha.elide engafumani bantwana, kodwa indoda yakhe ayayeka noko ukumthanda. Umfazi omkhulu akazange ayithande le nto yokuthandwa kangaka kwalo mfazi mncinane. Waya ukhula umona kuye, kodwa wayenalo nethemba lokuba indoda yakhe yayiya kude iyeke ukumthanda, isuke imcaphukele ngokungayizaleli bantwana, ithande yena wayezala.
Ngethamsanqakazi elikhulu umfazi omncinane wabonakalisa ubunzima. Yavuya kakhulu indoda yakhe yile nto. Kodwa yena umfazi omkhulu wadana kakhulu kuba wayecinga ukuba ukuzala komfazi omncinane kwakuza kuyisusa tu ingqondo yendod' ache kuye yena mfazi mkhulu. Wazimisela ukuba uza kuzama ukumcima igama kube kanye, ize indoda yakhe ijonge yena kuphela.

Ngenye imini umfazi omncinane waphathwa yinimba. Kwathi wayi-wayi nga-babelekisi, abafazi abakhulu apha elalini, beze ngokubizwa phofu, ukuba beze kubelekisa. Wabeleka ke umfaz' omncinane, watsho ngequm-qumazana lento-mbazana ekwathiwa nguyis' ehleli ngabakwazi ukufanisa - kwabona ababelekisi abo phofu. Yaba luvuyo olukhulu kuyise nakwabanye abantu, kuvuyelwa ukuba umfazi omncinci ethe wakhululwa ngaloo magqwirha ayemqhoboshile, ngabula bona. Nomfazi omkhulu wazenza owayevuya naye, nangona wayengcungcutheka ngaphakathi ngumona. Kwagqitywa ke ukuba umfazi omkhulu mayibe nguye umfukamisi ngaloo lonke elo xesha umdlezane wayeza kuba sefukwini. Yamvuyisa kakhulu le nto kuba waqonda ukuba umdlezane nontemekwane babeza kuxhomekeka kuye ngento yonke: ukutya komdlezane kwakuza kwenziwa nguye, izicakathi zomntwana zaziza kukhiwa zenziwe nguye, imithombothi yayiza kukhiwa nguye, aqatywe nguye untemekwane.

Wawuqala ke umsebenzi wakhe wokufukamisa umkandod' akhe, naye efukame inkohlakalo yokunqwenela ukubabulala bobabini. Kodwa wayesithi akujonga elo qum-qumana losana onganyelwe lusizi. Ngeso sizathu ke wagqiba ekubeni uya kulusindisa lona usana, abulale unina kuphela. Wacinga icebo angambulala ngalo umkandoda wakhe, wada ekugqibeleni wabona ukuba eyona ndlela iya kuba lula kukumdlisa. Wathi ke ngenye imini esehlathini eye kukha isicakathi, wabona ingcana ebungcongolwarha, koko yona inentloko eneenkozwana ezibomvana. Yamtsala kwangoko wabe selekhawuleza ukucinga indlela enokumnceda ngayo ekuphumezeni iingcinga zakhe ezimbi.
Wazithatha iinkozo zale ngca wagoduka nazo. Wafika ekhaya wazisila wenza isidudu, wasinika umdlezane esithi kukutya okubalungele kakhulu abadlezana. Okunene watya umdlezana, wancoma ukunambitheka. Zahamba iintsuku umdlezana esitya eli dliso, koko nkqi ukusebenza idliso. Isikhohlakalikazi esingumfaz'omkhulu sasimana ukuziqhatha sisithi le nto yayimdla ngaphakathi umdlezana imthele chu. Wayesithi into eyayiza kwenzeka kukuba ngenye imini asuke athi qithi aqhawuk' aphele. Wayilinda ke le mini. Isimanga esasuka senzeka kuba umdlezana wasuka watsh' ukutyeba, iinyama zakhawuleza zadibana, lasuka langa lihlambuluka ngakumbi ibala lakhe. Babeman' ukuthi abanye abafazi: "Hayi ntokazi, ubudlezana bukuvumile, inene." Abanye babede bancome umkandod' akhe besithi: "Hay' unesandla ntombazana, ikhwele phantsil" Kwathi njengokuba iintsuku zihamba wadilika ngokudilika umfazi kukutyeba. Baye abafazi bengayekanga ukuthetha ngale nto notata kantemekwana sel' engxame oku kwantoni na nje, engxamele ukuphela kwexesha lasefukwini ade aze kubona lo mdlezana unconywa kangaka.

Kwathi ke ngomhla wokukhutshwa kwakhe efukwini bakhuza abalibala ababekho, indoda yona umlomo ungavaleki. Kwabuzwa ukuba wayesitya ntoni na le yayimthande kangako. Wathi yena ukuphendula: "Hayi, bantu babantu, musani ukubuza kum, buzani phaya kumkandoda; nguye owandenzela isidudu athi sibalungele abadlezana." Abantu bamncoma umfazi omkhulu, kwathiwa makakhe eze nale nto wayesenza ngayo isidudu. Wahamba ke umfazi-omkhulu engazi nokuba makavuye ngenxa yokunconywa, okanye acaphuke ngenxa yokubhanga kwenkohlakalo yakhe. Waya ehlathini weza nezo nkozo wayemenzela ngazo isidudu umdlezana.

Bavuya abantu kukufunyanwa kwento yokwenza ukutya okunesondlo kangaka. Yaba kukufunyanwa kwezimba ke oko. Phela, phela ngantsomi. (10)

5.1.4 Eli qhalo lixhibe ukuphoxisa kulowo libhekiselele kuye. Lizibonisa ubunkunzi kumngxuma walo, liyagquma njengengonyama lithiyisele nangevumba lalo. (2)

5.1.5 (a) Imbila yaswela umsila ngokuyalezela. (2)

(b) Ibuzi libonwa ngolaleleyo. (2)

(c) Neqaqa liyagquma kowalo umngxuma. (2)

(d) Ungaphathi mpuku-mbini enye iya kukuphunyuka. (2)

(e) Imbovane iyalithwala inyiki. (2)

**[30]**

**OKANYE**

5.2.1 (a) Inkukhu ingalilisela iqanda lelayo. (2)

(b) Intaka yakha ngoboya benye. (2)

(c) Inyoka nesele. (2)

5.2.2 Kukho inkolelo yokuba xa zibaliswa emini umntu uya kuphuma iimpondo. (2)

5.2.3 (a) Ungaqali ngokwandlala indoda ingekafiki. (1)

(b) Ungaqali ubale amantshontsho inkuku ingekaqanduseli. (1)

5.2.4 (a) Ndinamntu wam unamaphiko kodwa akabhabhi ngawo-yinciniba. (2)

(b) Ndinamntu wam ulala evule amehlo – umvundla . (2)

5.2.5 Le ntsomi ingenkohlakalo ethi ivele kuburhalarhume bengonyama ethi ibulale ngolunya iimfene ezimsulwa, nkohlakalo leyo ephenjelelwa ngudyakalashe othe waswela inyaniso, ekubeni edle abantwana bengonyama wababulala. Neemfene kodwa asikho isizathu sokuba zivume ziqhathwe ngudyakalashe zivume xa udyakalashe ezimemela kwangonyama, le ntsomi ibonakalisa ukuba izidenge lilifa lezilumko. (10)

5.2.6 - Uncwadi lwemveli luzibonakalisa ngokuba luncwadi olududwayo. (2)
- Uncwadi olubhaliweyo luyilwa ngasese ngumbhali luze lushicilelwe. (2)

5.2.7 Iqhina lalatha into eqhiniweyo iqhinelwe ukuba lowo libhekiswe kuye aze asebenze ukulisombulula. (2)

**[30]**

## UMBUZO 6

***Apha naphya* – D. M. Jongilanga**

6.1.1 USolakhe / umfo kaDlala / into yaseMakwayini. (1)

6.1.2 EyeKhala. (1)

6.1.3 Kungenxa yokutya okwakukuninzi, kuphekiwe nazo zizakuxhamla apho loo mini. (2)

6.1.4 Uz'uhlale nami. (2)

6.1.5 Ziqoqoshiwe. (1)

6.1.6 UNowani umka Solakhe kukukhathazeka kukubhubha komyeni wakhe. (2)

6.1.7 Yi-Greyi. (1)

6.1.8 Bubundllobongela, nokungakhuseleki kwabantu. (2)

6.1.9 Kukuzifaka engozini. (2)

6.1.10 Sisifanekisozwi. (1)

6.1.11 NguNontsizi noNowethu. (2)

6.1.12 Bakhalazela ukungaphiwa ukutya ngokwaneleyo. (2)

6.1.13 Omnye umfundi usenokuchaza athi yinkcitho nje engena msebenzi namabhongo okuqhayisa anenkcitho eninzi emalini. (2)

Omnye angathi uyaxhasa kuba kukubonakalisa amabhongo kulowo ubumthanda ngokuthi uchithe imali eninzi. (2)

6.1.14 Kukungoneliseki kukutya kuba abantu bathanda ukutya. (2)

6.1.15 Ayilunganga, kuba babonakalisa ukungabinantlonipho. (2)

6.1.16 Kukugula (1)

6.1.17 NguZola. (1)

6.1.18 Kukusweleka. (1)
**[30]**

6.2.1 Kwakunomandlalo wentsimbi omiswe phezu kwentaba yezitena. Esizikithini segumbi kwakumi itafilana ezele zizitshele. Yayikholise ngeentanda ezazihlohle uwalakahla wamaphela. Egumbini kwakumi iphephandaba elidala. Phezu kwebhokisi kwakuthe nkqakamfu ufinyafuthi wesitovu. Izitulo ezibini zazixwese udonga kuphephezela umoya kuba iifestile zazithanda ukuhlohlwa amarhonya. (10)

6.2.2 UNte ubumbona ngokuya esikolweni engatyanga, ubema ezitalatweni acele iisenti ngenxa yephango, kodwa loo nto ayimncedanga kuba ubezuza inkunzi yesithuko. Uzinikezele ekubopheni intsango kuba yayiyindlela yokuziphandela. imali. Ekugqibeleni wangena enkathazweni. (10)

6.2.3 Inkathalo yayingekho kwaphela kuNontlantsi njengomzali. Ngelixa ephangele ebenokuvalela umntwana ngaphandle athi mhla ekhona angabinankathalo ukuba uNte utyile okanye akatyanga nangendlela ebeziphatha ngayo, ebengengomzekelo omhle emntwaneni wakhe. Ubethuma umntwana ukuba ayokungqiba imali nokutya ungazi ukuba yena uphangelela ntoni. (10)
**[30]**

**AMANQAKU: 120**